



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

2015

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha angama-25.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha elilandelayo uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.
3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

| | |
|---------------------|------|
| ICANDELO A: ISihobe | (30) |
| ICANDELO B: INoveli | (25) |
| ICANDELO C: IDrama | (25) |
4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

ICANDELO A: ISIHOBE

IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.
UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – ngumbuzo onyanzelekileyo.

ICANDELO B: INOVELI

Phendula umbuzo OMNYE.

ICANDELO C: IDRAMA

Phendula umbuzo OMNYE.
5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI) NECANDELO C (IDRAMA)

Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli nakwidrama oyifundisiweyo.
Phendula UMBUZO OMDE ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.
Xa uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.
6. UBUDE BEEMPENDULO

Imibuzo emide yeSihobe kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama ali-190-240.
Imibuzo emide yeNoveli neDrama kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama angama-340-390.
Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku.
Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.
7. Imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kwecandelo NGALINYE kulindeleke ukuba ilandelwe ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela kwimibuzo ekwiphepha loviwo.
9. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:
ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu
11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ITHEYIBHILE YESIQLATHO SEPHEPHA LOVIWO:

Le theyibhile yesiqulatho kulindeleke ukuba incedise abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abaza kuyiphendula khon'ukuze bangafundi iphepha loviwo lonke.

| ICANDELO A: ISIHOBE | | | |
|--|-------------------|-----------------|--------------------------|
| Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI. | | | |
| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
| 1. Unxunguphalo | Umbuzo omde | 10 | 6 |
| 2. Idompasi | Umbuzo omfutshane | 10 | 7 |
| 3. Uprofesa A.C. Jordan | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| 4. UNkosi Rolihlahla Nelson Mandela | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |
| KUNYE | | | |
| Umbongo ongafundiswanga: Unyanzelekile | | | |
| 5. Ubulumko | Umbuzo omfutshane | 10 | 11 |
| ICANDELO B: INOVELI | | | |
| Phendula umbuzo OMNYE.* | | | |
| 6. <i>Nyana Wam! Nyana Wam!</i> | Umbuzo omde | 25 | 13 |
| 7. <i>Nyana Wam! Nyana Wam!</i> | Umbuzo omfutshane | 25 | 13 |
| 8. <i>Ukhozi Olumaphiko</i> | Umbuzo omde | 25 | 16 |
| 9. <i>Ukhozi Olumaphiko</i> | Umbuzo omfutshane | 25 | 16 |
| ICANDELO C: IDRAMA | | | |
| Phendula umbuzo OMNYE.* | | | |
| 10. <i>Amaza</i> | Umbuzo omde | 25 | 19 |
| 11. <i>Amaza</i> | Umbuzo omfutshane | 25 | 19 |
| 12. <i>A-a-a! Jongumsobomvu!</i> | Umbuzo omde | 25 | 23 |
| 13. <i>A-a-a! Jongumsobomvu!</i> | Umbuzo omfutshane | 25 | 23 |

QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, phendula umbuzo OMNYE OMDE nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.

Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.

Kulindeleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisti elandelayo ukuqinisekisa ukuba bakhethe imibuzo ngokuchanekileyo.

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI |
|--|------------------------|------------------------------------|----------------------------|
| A: Isihobe (Isihobe esifundisiweyo) | 1–4 | 2 | |
| | KUNYE | | |
| A: Isihobe (Isihobe esingafundiswanga) | 5 | 1 | |
| | | | |
| B: Inoveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 6–10 | 1 | |
| | | | |
| C: Idrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 11–13 | 1 | |
| <p>QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OMDE nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.</p> | | | |

ICANDELO A: ISIHOBE**VUKANI MADODA KUSILE – A Stemela: Umhleli****IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Umviwa ulindeleke ukuba aphenhule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo omnye kumbongo ongafundiswanga okanye isibongo esingafundiswanga.

QAPHELA: Umbuzo ongombongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

Ubude beempendulo zemibuzo emide buli-190–240 amagama.

IMIBONGO EFUNDISIWEYO**UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)**

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukucazulula indlela imbongi elusebenzise ngayo ulwimi ukuphuhlisa intsingiselo.

UNXUNGUPHALO – N Shasha

- 1 Ndivumeleni ndizityand' igila,
- 2 Ndiza kunaba ke ndixel' uqaqaqa,
- 3 Zonwabil' izizwe ngezizwe ndibukele,
- 4 Zihla zinyuk' iintlanga zidabalele;
- 5 Ziyatabhat' izizwe neentlang' ezingenasazela,
- 6 Abantwana bokuzalwa banxunguphele.
- 7 Kuba ngasa liphala' igazi lomAfrika,
- 8 Kuba ngahlwa agetyengw' elel' umnt' omnyama;
- 9 Liphala kube lusizi kanye kwabokuzalwa,
- 10 Zininz' iinkedama zilile zade zakhedama;
- 11 Baninz' abahlolokazi bakhale de bancama;
- 12 Ndakujong' abomthonyama banxunguphele.
- 13 Iintshaba zibamokothis' inqatha bangquzulana,
- 14 iintshaba zibanik' iqhosh' elingenamthunja;
- 15 babhideka belambile bade babulalana.
- 16 Ungangxola n'umzi kaPhalo yile ndyikityha,
- 17 Intlungu esikuyo yaziwa ngoPhezukonke,
- 18 Ndakujong' abomz' oNtsundu bayantywizisa.
- 19 Iintshaba zilw' imfazw' engenagama nabamsulwa,
- 20 Zim' ezindleleni zingene koololiwe zidubule;
- 21 Zibulal' abant' abalusizi besifa bengenazixhobo.
- 22 Babulawa belel' obentlomb' ezinkomponi nakoololiwe,
- 23 Umbon' olusizi igazi linge ngumjelo wamanzi;
- 24 Akukho mthetheleli banxunguphel' abe-Afrika.

[10]

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicutshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

IDOMPASI – N Gcali

- 1 Yincwadana encinane ephethe igama,
- 2 Yincwadana edelekileyo ephethe idilesi,
- 3 Ixela ubuhlanga ibonise nelizwe,
- 4 Iveza umsebenzi ixele nomqeshi,
- 5 Isitampu sibonisa imfanelo,
- 6 Isitampu esigwenxa yijele,
- 7 Udompasi ongekho yijele.
- 8 Impilo yabaninzi uyigqibile,
- 9 Ubomi babaninzi ubuthathile,
- 10 Imizimba yabaninzi uyingxwelerhile,
- 11 Imizi yabaninzi uyichithile, wena dompasi.
- 12 Ubethiwe umntu ubanjiwe umntu,
- 13 Waswela umntu walamba umntu,
- 14 Wabhaca umntu watshipha umntu,
- 15 Nguwe wena dompasi.
- 16 *"Kom hierso Jan"*
- 17 *"Waar is jou pas?"*
- 18 *"Alikho mhlekazi." Qhwa ngempama!*
- 19 *Xhimfi ngenqindi, ngqu ngesihlangu,*
- 20 *"Gaan in, gaan in man."*
- 21 Kungenxa yakho dompasi.
- 22 Vum-vum-vu-uu-uum-
- 23 Iyagquma ikhwela-khwela.
- 24 Ifuna bonke abophul' umthetho.
- 25 Basuka eNatali, basuka eFreyistata,
- 26 Bavela eCiskei, bavela eTranskei,
- 27 Kungenxa yakho dompasi.
- 28 Uphumile umthetho wabhengezwa,
- 29 Umemezela ukufa kwakho dompasi,
- 30 Namhlanje yimincili, namhlanje luvuyo,
- 31 Namhlanje lulonwabo, namhlanje luchwayito,
- 32 Kuba udompasi ufile wavuka u-I.D.
- 33 Watsho wanesidima umnt' endinguye.

- 2.1 Xela isixhobo esisetyenziswe ekuqaleni kumqolo woku-1 nowesi-2. (1)
- 2.2 Shwankathela okuqulethwe sisitanza soku-1. (2)
- 2.3 Tolika ngawakho amazwi umqolo wesi-9. (1)

- 2.4 Nika isafobe esisetyenziswe kumqolo we-15. (1)
- 2.5 Mfanekiso-ngqondweni mni ophuhliswa kukusetyenziswa kwezifanekisozwi kwisitanza sesithathu? Zixhase. (2)
- 2.6 Cacisa uvakalelo lwembongi kwisitanza sokugqibela? (1)
- 2.7 Chaza umongo walo mbongo. (2)
- [10]**

UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicutshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

UPROFESA AC JORDAN – ZS Qangule

- 1 Tarhuni nonke zingcali zesiXhosa,
2 Leqani equleni imimoya iyabhudla,
3 Balekani hleze kuvele imbalela
4 Lakufa ichanti kudakasa izabonkolo,
5 Yakufa inkuku amaqanda ayabola.
6 Kolunga sonke sibaleke sibonisane,
7 Mkhulu umthwalo osaza kuphakanyiswa.
.....
- 8 Uvakele ubham wokuwa komthi,
9 Kwahlokoma amawa ezizwe ezikude,
10 Kwanga kudlula umoya wezixhobo,
11 Kwanga kukhasa umoya wentlambo
12 Bathi kufanele iminyanya iwelile,
13 Zazola iilwandle zanika imbeko,
14 Yana invula ayenza nangxolo.
.....
- 15 Uhambile uJordan ubizwe yiminyanya,
16 Kufunwa abazingeli abaziwa ngokuchama,
17 Kufunwa amajoni aziwa ngokuwisa,
18 Iziphika ezadumba ngenxa yokulima,
19 Izandla ezikhulu ngenxa yokuhlamba,
20 Izisu ezitshonileyo ngenxa yokwabela,
21 Ulwazi olukhulu ludala uthando.
.....
- 22 Isitya esihle asidleli,
23 Kazi senzani ngesimdaka.
24 Waphela umzi kaXhosa,
25 Nafa nina baMhlophe:
26 Unondle natyeba nabomvu,
27 Inggambu wayisika lwasombuluka,
28 Natsho nakhwaza amaqqa,
29 Natsho nabiza amagxwem,
30 Natsho nathetha ngengqaka,
31 Namema nifuna amakroti,
32 UJordan nathi uyagxiza.

- 3.1 Chaza isizathu sokusetyenziswa kwegama'Tarhuni' kumqolo woku-1. (1)
- 3.2 Shwankathela okuthethwa sisitanza sesi-2. (2)
- 3.3 Nika isixhobo sohlalutyo esisetyenziswe yimbongi kwistanza sesi-2 ekuqaleni kumqolo we-10 nowe-11. (1)
- 3.4 Safobe sini esisetyenziswe kumqolo we-15. (1)
- 3.5 Phuhlisa ngawakho amazwi okuqulethwe kumqolo wama-22. (2)
- 3.6 Chaza umongo walo mbongo. (1)
- 3.7 Cacisa uvakalelo lwembongi kulo mbongo? (2)
- [10]**

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicutshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

UNKOSI RHOLIHLAHLA NELSON MANDELA – DLP Yalimanisi

- 1 Ilizwe liyashukuma maLawundini!
 2 lintlambo zonke ziyaxokozela;
 3 lintaba zonke ziyadidizela;
 4 Izizw' ezikhulu zimangalisiwe;
 5 Kuba izizwana ziyagqushalaza.
 6 Ziyaqhashambula, ziyabhinyalaza.
 7 Inen' ilizwe liyashukuma,
 8 Inen' ilizwe liyashukuma.

 9 Umgawuli wezint' ezisemeveni,
 10 Egeg'iintsunguzi zobudenge;
 11 UMavelel' iimbombo zomhlaba;
 12 Uzama-zam' ilizwe lizama-zame;
 13 Umbhijel' ilizwe njengechanti.
 14 Izilenz' elidada kwaweLigwa,
 15 Liye ngokusela kwaweZambesi;
 16 Umkhonzi wezizwe zeAfrika.

 17 Ubakhonzil' abaMbo nabaNguni;
 18 Wabakhonz' abeSuthu nabaTswana;
 19 Wawakhonz' amaZulu kaSenzangakhona;
 20 Wawakhonz' amaSwati namaNdebele;
 21 Wawakhonz' amaTshona, amaNyasa namaKhangala;
 22 Wadib' izizw' ezikhulu nezincinane,
 23 Edal' umanyano lwama-Afrika,
 24 Ukuz' inimb' ibe nye yezizwe.

| | |
|----|---|
| 25 | Thetha kwedin' akwaZondw' ungoyiki! |
| 26 | Ungazoyik' iinyhwagi neembodla. |
| 27 | Nokufa kusakulindele, |
| 28 | Kwaye kusakulungele; |
| 29 | Ube lidini lesizwe sikaNtu, |
| 30 | Kub' ungumntwan' egazi ngendalo. |
| 31 | Wavelel' ukuthwal' ezo nzingo neenzima, |
| 32 | Ezinye nezinye phezu kwezinye. |
| 33 | Ngaman' uThixo wakusikelela, |
| 34 | Wakuphumeza, wakuthamsanqelisa, |
| 35 | Uboyis' ububi neent'ezimbi. |
| 36 | Makube njalo nkosi yam. |

- 4.1 Chaza isizathu sokusetyenziswa kophawu lwesikhuzo kwistanza soku-1 kumqolo woku-1. (1)
- 4.2 Nika isixhobo sohlalutyo esisetyenziswe yimbongi kwistanza soku-1 kumqolo wesi-7 nowesi-8. (1)
- 4.3 Mfanekiso-ngqondweni mni ophuhliswa yimbongi kumqolo we-9? Zixhase. (2)
- 4.4 Chonga isifaniso kwistanza sesi-2. (1)
- 4.5 Yeyiphi ingongoma ephambili kwistanza sesi-3? (1)
- 4.6 Ivuselela eyiphi ingcinga imbongi ngoMandela kumqolo wama-31? (2)
- 4.7 Cacisa ngomongo walo mbongo. (2)
- [10]**

KUNYE

UMBONGO ONGAFUNDISWANGA**UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda lo mbongo ungezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

UBULUMKO – LS Ngcangata

- 1 Eyona nto efunwa ziingqondi,
- 2 Eyona nto enqwenelwa ziimboni,
- 3 Eyona nto elangazelelwa ziincutshe,
- 4 Neyona nto ixatyiswe ngamanono
- 5 Bubulumko.
- 6 Umnt' onabo uyavuya, wonwabile,
- 7 Noko esemhlabeni ngathi usezulwini.
- 8 Lonk' ixesha upholelwe ngamalanga.
- 9 Xa umbona unganqwenel' ukuba nguye
- 10 Onobulumko.
- 11 Oyena mnt' onabo ngonjani na?
- 12 Ngulowo uphepha ingozi engekalimali.
- 13 Ngulowo unced' abantu abasengxakini.
- 14 Inene ndithi mna ngumnt' onjalo
- 15 Onobulumko
- 16 Rhoqo yena unobubele nesisa.
- 17 Unembeko nentlonelo kwabadala.
- 18 **Akawusingeli phantsi umlisela nomthinjana.**
- 19 Liqhayiya nebhongo kwisizwe jikelele
- 20 Onobulumko.
- 21 Umnt' onabo utheth'inyaniso
- 22 Nasematyalen' uyayityeshel' inkohliso,
- 23 Uzeka kade umsindo, engenakratshi.
- 24 Umhla nezolo usoloko eyint' enye
- 25 Onobulumko.
- 26 Ekunquleni uthandaz' uThixo ophilayo,
- 27 Ethandazel' isiqu sakhe nesesizwe.
- 28 Ukhuthele kunjalonje uhlakaniphile,
- 29 Ngenkangeleko yakhe uchwayitile
- 30 Onobulumko
- 31 Ubulumko bulungil' aph' emntwini.
- 32 Buthandwa ngabo bonk' ezizweni.
- 33 Umhlobo wab' osenyongweni luthando.
- 34 Ngunozala wobuhle, ngumbulali wokubi
- 35 Ubulumko

- 5.1 Nika isixhobo sohlalutyo esisetyenziswe ekuqaleni kumqolo woku-1 ukuya kowesi-3 kwisitanza soku-1.

(1)

- 5.2 Yintoni injongo yokusetyenziswa kochasaniso kumqolo wesi-7. (2)
- 5.3 Shwankathela okuqulethwe sisitanza sesi-3. (2)
- 5.4 Chaza intsingiselo yomqolo obhalwe ngqindilili kwisitanza sesi-4. (1)
- 5.5 Unjani umoya wembongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 5.6 Mfundisoni ephuhliswa yimbongi kulo mbongo? (2)
- [10]**

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: INOVELI**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezimbini.
- Khetha umbuzo kwiNoveli oyifundisiweyo.
- KwiNoveli ngaNYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OMDE NOMBUZO OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo 6 ukuya kumbuzo 9.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

QAPHELA: Xa umviwa ekhethe umbuzo OMDE kwiCandelo B (kwinoveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwinoveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMDE kwiCandelo C (kwidrama).

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-340-390 amagama.

UMBUZO 6 (UMBUZO OMDE)**NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

Cazulula iziganeko ezichaphazela uMangaliso ukusukela mhla wabonwa edolophini eGcuwa evela eRhawutini de abuyele kwaFikizolo evela eKnysna.

[25]**UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)****NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

Kwakhankanywa amagama amabini kubefundisi babhebhetha abaqhelisela, kunjalo kwacaca ukuba bakuxolele nokusikwa ebufundisini kunokuba bangaya eGeorge Goch.

'Nicinga ntoni na ngeGeorge Goch madoda?' wamana ebuza esitsho usihlalo weSinodi. Aqubuda amadoda. Ndithetha mna neengwevu zabefundisi kwakungekho yayinqwenela ukunga ingathunyelwa eGeorge Goch. Wayibukela le nto uMangaliso, wakhumbula amazwi eentokazi awakha waziva zincokola kuloliwe kudala engekabi nguye nomfundisi, zincokola ngeentlobo zotywala ezisilwa kule lokishi, izikhwikhwikhwi, iziqeda-veki, oontaba-zosizi, waqonda ukuba bafanele abefundisi ukuyoyika le ndawo. Kuthe kolo cwaka equbudile amadoda wabonakala ephakama uMangaliso esithi, 'Nyulani mna ndiye eGeorge Goch.'

Wathi ukuba atsho sabonakala sisothuka sonke isifundisi simjonga.

'Kodwa mfundisi uyayazi le George Goch kuthethwa ngayo?' wabuza owayesesihlalweni.

'Ndingayazi nje bawo ndinqwenela ukuba nindithume kuyo,' watsho ukuphendula uMangaliso.

'Akuyi lubuyayo apho mfo wam, kukwazembe leyela nomphini,' yatsho enye ingwevu yomfundisi esidlangalaleni.

Into yokuzinikela kukaMangaliso ukuba athunyelwe eGeorge Goch yathanda ukuvusa ingxoxo enkulu kubefundisi, uninzi luyichasa mpela phantsi kwezizathu ezithi indawo enjengeGeorge Goch ayifuni mfundisi usemncinci unokuthi ahendeke lula ziziyolo zelizwe, ifuna umfundisi osel' eqinile.

Ngaphezulu akangelungi ukuba umfundisi obaluleke njengoMangaliso nofunde kangako athunyelwe kwindawo ephantsi olo hlobo, engekabi nayo nendlu yecawa, noko icawa yaseWesile ingathelwa nqa luluntu lonke luphela ngesenzo esinjalo.

- 7.1 Xela igama lale ntlanganiso babekuyo aba befundisi kwisicatshulwa. (1)
- 7.2 Ungasitolika njani isenzo sikaMangaliso sokuphakama esaqubudile amadoda athethe la mazwi akrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)
- 7.3 Thelekisa lo Mangaliso wanamhlanje nalowa wayehamba nooThemba kwimoto eya eBhayi. (2)
- 7.4 Avuselela yiphi ingcinga ngokwebali amazwi kaMangaliso athi, 'wakhumbula amazwi eentokazi ...'? (2)
- 7.5 Loluphi udidi lwempixano olufumaneka kwesi sicutshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 7.6 Phawula ngendlela alusebenzise ngayo ulwimi umbhali kumagama abhalwe ngqindilili. (2)
- 7.7 Waphumelela uMangaliso ekudlaleni indima awayethunyelwe yona eGeorge Goch. Ngqina oku. (2)
- 7.8 Nika izizathu ezimBINI ezibangela ukuba uMangaliso abe ngumlinganiswa ongqukuva kule ncwadi. (2)

ISICATSHULWA B

'Lo mfo Nantsika kuthiwa ufunde ngaphezu kwakhe wonke umntu apha ehlabathini, ndithetha mna nabeLungu aba kuthiwa akakho ofunde njengaye,' wova besitsho oonkabi bephokolise ezo nqawa zabo zinde.

'Kanti madoda lo mfo nide nathi ngumni?'

'Asisazi isiduko sakhe Nantsika kodwa ke kuthiwa ngumXhosa.'

'E-e! Suk' anapha madoda **musani ukwenza iintsomi emini niza kuphum' iimpondo**. Wakha wakho kakade umXhosa ofunda ngaphezu komLungu,' womva omnye esitsho ekhalala naloo ncoko evuthulula ingubo yakhe esimka.

'Hi bafondini ingaba lo mfo ungunidaba-mlonyeni olu hlobo wakha wayinto efinyiswayo engakwazi nokuzifinyisa oku njengathi aba?' Yavakala ibuzisa enye intwana engumabhalana enkomponi eCity Deep kwaMangqukelana ingqengqo eqongeni layo ijongise umetyiso phezulu ifunda *Imvo* eyayineendaba zalo mfundisi eqwalasele umfanekiso wakhe.

'Awu! Wathi wakatsho ke ntang'am wandikhumbuzisa amazwi ento kaJolobe kumbongo wayo webhadi xa ithi,'

*'Umhle kangaka nje na, wena sidalwandini
wakha warhuba phantsi ungumbungwan'ongento,
Waza wazalwa kutsha, waba kukokugqibi ...?'*

Yatsho enye ingqengqo kowayo umandlalo ikwafunda eli phepha-ndaba. Basusela apho ke banaba ezindabeni ngalo mfundisi.

Apho enkomponi kwaMangqukelana kwakukho inkathavu yexhego eyayingaziwa lulutsha ukuba yafika nini na, befikela kuyo abafikayo baphinde bagodukele kuyo. Kungasekho msebenzi iwenzayo enkomponi ngaphandle kokuhla inyuka itshayela. Igama eyaziwa ngalo kusithiwa nguFalteni, ngenxa yengubo emdaka elalisoloko liyambethe.

- 7.9 Chaza isiganeko esenzekileyo ukuze kuvele le ngxoxo. (2)
- 7.10 Ityhila ntoni intetho ebhalwe ngqindilili ngesizwe samaXhosa? (2)
- 7.11 Cacisa isimo sentlalo sale ndawo liqhubeka kuyo ibali ngokwesicatshulwa. (2)
- 7.12 Lavela njani igama leli xhego elinguFalteni? (1)
- 7.13 Laliphi eneneni ikhaya lale nkathavu yexhego? (1)
- 7.14 UMangaliso wenza into efanelekileyo ngokwamkela uyise ngezandla ezishushu akumazi. Xhasa oku. (2)

[25]

UMBUZO 8 (UMBUZO OMDE)**UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule**

Cazulula iziganeko ezichaphazela uMfazwe ukusukela mhla wabanjwa kowabo kuQaka de abe uya kuzifihla kwaMfundisi uHlathi.

[25]**UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)****UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

'Akakhange aphangele namhlanje, ilanga lonke ulichithele apha ekhaya, wada waza kubizwa ngula mfana kaNtsipho uFriday ngelithi makakhawuleze kukho intlanganiso phaya eholweni ecaweni, inento yokwenza nabantwana besikolo.' Ndothukela ngaphakathi akulikhankanya elo gama linguFriday. Engengomntwana wasikolo nje, uNokuzola yintoni emdibanisa noFriday, embizela ezintlanganisweni? Ndazibuza lo mbuzo ndikhamnqile.

'Into ethetha ukuthi baseholweni apho ke ngoku mama?'

'Ukumka kwakhe ebethe uya apho, andazi ke kuba andikho holweni mna ngoku.' Ndakhumbula ngelo xesha ukuba andifikanga ndambulisa, ndafana ndakrwela intloko ndabulela, ndacela uxolo ngokungabulisi. Ndiphakame ndizihleka-hlekisa, landibuza ixhegwazana ukuba, bekusithiwa ndibanjiwe nje, yinyani na leyo, ukuphuma kona ndiphume nini na. Ndithe ndingekawuphenduli lowo lahlaba omnye.

'Kusithiwa uyaxela nje mntwanam, ingaba yinyani leyo?'

Ndothuka ndanomchamo. Ndema andashukuma, umzimba wasuka wanenkantsi wonke. Kwakucacile ukuba akukho mntu ungayaziyo into yokuba ndinebala lobungcothoza. Ndiza kuyiphikisa njani le nto ithethwa ngulo mama? Ndangqunga, kwanzima ukuphuma, sekungathi bonke abantu baza kusuka bandikhwaze, bandityabeke izithuko endandidla ngokuziva zityatyekwa umntu ongcothozayo. Ndahamba ndingamphendulanga uMamCwerha, waphosa amazwi okugqibela xa ndisiya kuphuma ngesango.

'Kukho abantwana ababini abadutyulwe basweleka kulaa mbhodamo wasemini.' Andizange ndibonise nokuba ndiyamva, ndadzulela eholweni ndinyathelela phezulu.

Kwakukho into ethi mandibaleke ndiyokuzeyelisela esizibeni okanye ndiyokulala espor indicumze kube kanye, kodwa kwakho umbuzo othi, iya kunceda ntoni na loo nto?

- 9.1 Xela iziganeko eziBINI ezenzekileyo ukuze kubanjwe intlanganiso esikolweni. (2)
- 9.2 Nika izizathu eziBINI ezabangela ukuba othukele ngaphakathi uMfazwe akuva kukhankanywa igama likaFriday? (2)
- 9.3 Ungasitolika njani isenzo sikaFriday sokuhamba esithi uMfazwe uyimpimpi? (2)

- 9.4 Cacisa isimo sentlalo sale ndawo liqhubeka kuyo ibali ngokwesicatshulwa. (2)
- 9.5 Loluphi udidi lwempixano olufumaneka phakathi kukaMfazwe noFriday? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 9.6 Ndimani eyayidlalwa nguMfundisi uHlathi emzabalazweni? (2)
- 9.7 Ukugwejelisa isandla kukaFriday kuNokuzola kwalutshabalalisa lwaphela tu uthando lukaMfazwe kuNokuzola. Ngqina oku. (2)
- 9.8 Ucinga ukuba uMfazwe wenza into engafanelekanga ngokuthabatha isigqibo sokungazifundi iileta ezivela kuNokuzola? Xhasa oku. (2)

ISICATSHULWA B

'Ungasoli uqalekise mntwanam.' Ingcwakaha eyayikho yaphazanyiswa nguTat'uGaba ngaloo mazwi, ethetha ebumnyameni emi ecaleni kwedlakadlaka lemoto eyayingasahambi phambi kwendlu yakhe. Andimxelelanga ukuba sendigqibile ukuqalekisa, kushiyeke nje ukuba ndigwebe. Ndakugqiba ukulahlekelwa yiyo yonke into yam, into yonke endakha ndanayo, azokuthi mandixole? Tyhini madoda uTat'uGaba lo unani na kakade? Andizange ndiphendule, ndanqumla umgaqo ndaya kungena esangweni lakhe, ndafika ndema ecaleni kwakhe.

'Mfondini, kubi!' Waqala ngelo. 'Yintoni le iqhubekayo kanye kanye? Uthi akuzi kugwetywa kodwa?'

'Ngubani oza kugwetywa na Tat'uGaba?' Ndibuyise kwangombuzo kuba ndingenakuyiphendula eyakhe.

'Uyivile le yokuba iFunda ivaliwe?'

'Ewe?'

'Inani na le ndoda!'

'Sivalelwe ntoni isikolo?'

'Sitshile!'

'Hi? Tat'uGaba yithi uyaphosisa!' Andizange ndikwazi ukuzibamba, ndakhuza ndatsho ndazothuka.

'Ungathetheli phezulu, neendonga zineendlebe.' Watsho uGaba akubona ukuba ndifuna ukubhabhazela.

'Uthini na apha kum Mnt'omlambo?' UGaba wathetha nto yimbi engaphenduli mbuzo wam.

'Andazi ukuba siza kubathini na abantwana unyaka lo wonke, kuba baza kuba **yimingqusho yoongqikana** apha elokishini, luthini ke ukungavuki udushe? Laa nyhilikityhawe ibisenzeka emini idlule nemiphefumlo emibini, intombazana yaphaya ngaphesheya, andichani nje ukuba yeyakwabani na kunye neli gwangqana lomfana apha ngasentla kwethu, apha ecaleni kwesirhoxo ngubani na kanene?'

- 9.9 Chaza le lahleko kaMfazwe athetha ngayo ngale mini. (2)
- 9.10 Iveza ntoni mpendulo kaMfazwe ethi, 'Tat'uGaba yithi uyaphosisa!?' (1)

- 9.11 Ibe nafuthe lini kuQaka into yokubulawa kukaKK? (2)
- 9.12 Cacisa ngendlela alusebenzise ngayo ulwimi umbhali kumagama abhalwe ngqindilili. (2)
- 9.13 Iphuhlisa ntoni intetho kaTat' uGaba ethi, 'Ungathetheli phezulu, neendonga zineendlebe' ngokwesimo sentlalo sakuQaka? (2)
[25]

AMANQAKU ECANDELO B: 25

ICANDELO C: IDRAMA**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukususela kumbuzo 10 ukuya kumbuzo 13.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OMDE kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube MNYE uwuphendule.

QAPHELA: Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli); KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMDE kwiCANDELO C (kwidrama).

Xa umviwa ekhethe umbuzo OMDE kwiCANDELO B (kwinoveli); KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwidrama).

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-340–390 amagama.

UMBUZO 10 (UMBUZO OMDE)**AMAZA – ZS Qangule**

Tyhila isimo sentlalo kwincwadi ethi, *Amaza*.

[25]**UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)****AMAZA – ZS Qangule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

| | |
|-----------|--|
| NAMHLA: | Hlala wena Nosiko apha ezilalini, Gqola, phulaphula ingoma yenkqatho. |
| VATHISWA: | Ingoma ethini? |
| NAMHLA: | Ingoma ethi Ibhinqa eliziqoqayo liqhayiya labazali, Ibhinqa eliqoshelayo yintyatyambo yesizwe; Ayibuni ehlotyeni, ayitshazi ebusika. |
| VATHISWA: | Uyayithetha into! |
| NAMHLA: | Phulaphula Nosithethe, Nasi esinye isidomisa-ngqondo: Indoda efumene oonyana, inikwe iinzingo, Ihlwelwa emini, ihlala ecimini. Kanti indoda ezal'iintombi ifunjathiswa izipho, Inikwe ubuntu, ithinjwe ubukhoboka. |

| | |
|-----------|---|
| VATHISWA: | Yintoni embi kuloo nto? |
| NAMHLA: | Uthi mandihluthwe ubuntu Bunikwe omnye umntu? Uthi mandihluthwe ukukhanya Ndivalelwe ebumnyameni? |
| VATHISWA: | Lilunga lamalunga utata wakho, Ziingxak ezamenza akwendise. |
| NAMHLA: | Undixelela ngesikrelemnqa esakhanywa imfesane, NguSathana olephuza amalangatye! bawo nguntliziyo esihlalweni yagungxuka, Ngundlela zimachaphaz'egazi; Lirhamncwa elimadolo aluhlaza! |
| VATHISWA: | Uthando lukuxuthe ingqondo, Uqaqadekile, akanqwanqwadeki! |
| NAMHLA: | Ingaba sendisisilwanyana. |
| VATHISWA: | <i>(Ephuma)</i> Mandikushiye Nkanishe. |
| NAMHLA: | <i>(Ekroba efestileni)</i> Eyona nto akuzazi neyona nto uyiyo. <i>(Emva komzuzu ephumile uVathiswa kungena uLizo.)</i> |
| LIZO: | Umntu uyankqonkqoza. |
| NAMHLA: | Ngaphakathi. |
| LIZO: | <i>(Engena engqala kuNamhla, emwola)</i> Kutheni untywizisa nje? |
| NAMHLA: | Ndibangulwa ziintolo zovuyo Kuba ndiyindwayinge nje, Xa ndinawe ndisisidwangube. |
| LIZO: | Kunjalo nakum. Ubomi bulikhala nje apha kum, <u>Xa sikunye ndincinda ubusi.</u> |
| NAMHLA: | <i>(Esiwa, elila esimantshiyane)</i> Kodwa, kodwa Lizo ... |

11.1 UVathiswa udlala yiphi indima kule ncwadi? (1)

11.2 Chaza intsusa yale ngxoxo ikwiscatshulwa. (2)

- 11.3 Didi luni lozobo olusetyenziswe ngumbhali ngamazwi kaVathiswa athi, 'Uqaqadekile akunqwanqwadeki!?' Xhasa impendulo yakho. (2)
- 11.4 Iphuhlisa ntoni intetho kaNamhla ethi, 'Hlala wena Nosiko apha ezilalini'? (2)
- 11.5 Yintoni ebonisa ukuba uVathiswa ubhidekile koku kuthetha kungaka kukaNamhla? (1)
- 11.6 Msebenzi mni odlalwa ngamagama akwizibiyeli kwesi sicutshulwa? (2)
- 11.7 Ucinga ukuba afanelekile na amazwi kaNamhla athi uDanile 'ngundlela zimachaphaz'egazi', ngokwenkcubeko yethu? (2)
- 11.8 Sizathu sini esibangela ukuba uNamhla alile kangaka? (2)

ISICATSHULWA B

| | |
|---------|--|
| LIZO: | <i>(Erhiphuke umbilini)</i> Wafa! Ndingumntu wokuqala ukuyazi loo nto! |
| SIDIMA: | <i>(Ezekelela ukuthetha)</i> Ngahle nguwe owabulala uDuma, Ndingumntu wokuqala ukuyirhanela loo nto! |
| NAMHLA: | <i>(Etyhwatyhwa luloyiko)</i> Sukusiporhela, sakungcwaba! |
| SIDIMA: | <i>(Ejika embonisa ilifa elisemqolo)</i> Umgibe owawunqikela mna, ukhamfule wena! |
| NAMHLA: | Suka apha siporhondini! |
| SIDIMA: | Wawuthe sakudibana ngomhla womngcwabo, ingathi kuza kuqala isigwebo! <i>(Ekhupha ivolovolo epokothweni)</i> Niza kuzibona iziporho zidubula. |
| ZODWA: | <i>(Etyhila ubuso)</i> Akulibali Lizo ukrelekrele. |
| LIZO: | <i>(Esagubha luloyiko)</i> Wangcwatyelwa eRhawutini wena! |
| ZODWA: | AndingoZodwa waseBhayi, NdinguZodwa Vaxa, intombi kaZazile! |
| NAMHLA: | Niyaporha nobabini! |

| | |
|----------|---|
| SIDIMA: | <i>(Ekhupha ivolovolo epokothweni)</i> Niza kuzibona iziporho zidubula. |
| ZODWA: | <i>(Ekhupha eyakhe ivolovolo)</i> Igazi lihlawulwa ngegazi! |
| ULIZO: | <i>(Ekhupha ibhozo)</i> Niqhele amagwala ziporhondini! |
| SILUMKO: | <i>(Efika ebaleka ejolise iivolovolo ezimbini)</i> Yimani ngqo, bhuxe! Mazithi qithi zonke izixhobo zenu! Izandla ndzu, phezulu zonke! Jikani nonke nifulathele, nithi cwaka! <i>(Kungena abeengubo bexhobile bekhokelwe nguQebeyi becula igwatyu).</i> |
| MANDABA: | <i>(Utsiba angqale kwingcwaba lonyana wakhe. Uyabhentsuza usasaza umxube weyeza).</i> Isimbanongwe sikhupha okumdaka, Umhabahaba uyazalisa Umfisi ngumthi wezintso, Unomolwana uqinisa umkhosi. Isisukulo sityebisa amasimi. Intekwane ihesha imimoya. Intelezi yenzelwe imibane Tsibango sidlulisa umphefumlo. Thatha onke uwagqithise! Yamkela konke ukugqithise! <i>(Kungena amagqobhoka ecula ephethe umnqamlezo omkhulu. Bathi cwaka abengubo, izikhali bazithe qhiwu. Yakuphela ingoma uza ngaphambili uMalimakwe ejonge ntshoo kuNamhla.)</i> |

- 11.9 Sizathu sini esibangele ukuba kubekho indibano emangcwabeni ngalo mhla? (2)
- 11.10 Iveza ntoni intetho kaSidima ethi: 'Umgibe owawunqikela mna ukhamfule wena!' malunga nokubulawa kukaSidima? (2)
- 11.11 Xela ubuchule obusetyenziswe ngumbhali ukuveza umbulali kaDuma? (2)
- 11.12 Shwankathela umongo wale ncwadi ngesivakalisi esinye. (2)
- 11.13 Tyhila ngeengongoma ezintathu ukuba uSilumko uphumelele kwindima yakhe yobucuphi ngokudulisa izinto ebezifihlakele ekupheleni kwencwadi. (3)

[25]

UMBUZO 12 (UMBUZO OMDE)**A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto**

Tyhila isimo sentlalo kwincwadi ethi, *A-a-a! JONGUMSOBOMVU!*

[25]**UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)****A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

| | |
|-----------|---|
| CHIZAMA: | Sikho nathi apha kowenu. Lisagciniwe nethole lomthonyama eli ngaphandle kwezo zidla umzi apha naphaya. He! Masithezele emnxebeni Mpemvu mfondini. Anileqwa kodwa? |
| MATSHAYA: | Hayi asileqwa nto mfo kabawo, silikhumbule nje ikhaya eli ngenxa yezinto – yinto, endiya kunikezela kumthanjiswa weNkosi lo ndihamba naye ukuba anityhilele. (<i>Eguqukela kuKondile</i>)Nabo ke Mfundisi baziindlebe bonke. |
| KONDILE: | Nam ndiyabulisa, ndibulela i-chance yokuthetha apha namhlanje. Inkosi eNkulu, uYehova, ithi namhlanje inkosi le mayivume ukuba sifumane umhlaba apha ukuze sakhe indlu yeNkosi nesikolo sokufundisa ukubhala nokufunda iBhayibhile. Uthi Yehova kukude ngaphaya kweNxuba ebantwini, kanti Yena uthume thina apha ebantwini. Ukuze sikhanyise, abantu basuke ezonweni nakwiinkolelo. |
| CHIZAMA: | Mhm! Ziindlebe zam! Hayi xa ulapho mfo, akuseyiyo intanga yam. Kodwa phambi kokuba ndinikezele kwingwevu le, khawundiphe Le ndawo. |
| KONDILE: | Uthi uYehova masize kusebenza apha ebantwini ngoku kuba kukude phaya eNxuba. Abantu bethu abakwazi kuya ecaweni. Abantu abakhulu bona abafana noMary abazange bakwazi ukuya kufikelela. Yiyo loo nto sifuna ukuba kufuphi nabo. |
| MNTLANE: | Ndikuva kakuhle xa usithi ninabantu benu apha. Naninikwe ngoobani abo bantu? Khona! Ngoobani abo Meli? Seninabantwana okanye oomolokazana ngoku? Sekutheni ngoku nivula ubuhlanti bakuthi ngezantsi nje? |
| KONDILE: | Hayi tata,ubuhlanti eNxuba buvulwa kusasa buvalwe ebusuku. UMary yena ngumama omkhulu, ohlala phaya kulaa mzi (Esalatha ixhiba likaNtlane lowo kanye), kodwa akakwazi ukuya eNxuba. Bakho nabanye abantu abangafuni kugwetywa ngalaa mhla mkhulu. Nani, ingakumbi wena tata, kufuneka nibaleke isihogo nalaa mlilo waso mkhulu. Okuya naninikwe esiya siphaluka siphesheya kweNxuba naningatshongo ngaloo milomo yenu impaku-mpaku ukuba nifuna ukuzihlalela, nizakhele izindlu zenu, qelele phaya kubahedeni? Kusuke kwathini ngoku? |

13.1 Uthetha ukuthini uChizama xa esithi, 'lisagciniwe nethole lomthonyama'?

(1)

- 13.2 Xela injongo yolu tyelelo lwakomkhulu nguMatshaya noKondile. (1)
- 13.3 Nika unobangela wokuba uKondile asebenzise igama likaThixo kwintetho yakhe. (2)
- 13.4 Uzotywe wangumlinganiswa onjani uMntlane ngokwesicatshulwa. (2)
- 13.5 Yintoni edala impixano phakathi kukaQuka nenkosi yakhe? (2)
- 13.6 Yeyiphi imbono evezwa nguMntlane ngoKondile xa bavula ubuhlanti bakubo ngezantsi? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 13.7 Likweliphi inqanaba ibali kule ndawo ngokwamanqanaba esakhiwo sebali? Cacisa. (2)

ISICATSHULWA B

| | |
|-----------|---|
| KONDILE: | Akonakalanga ndawo. Alapha la madoda kuba ebesazi into yokuba size kuvuselela iLizwi kweli cala, aza ke anqwenela ukuza nawo ukuze aze kuphamba umoya wemvisiswano kunye noxolo apha kumaJingqi la onyana wakho. Ndicele ke ukuba uvuswe ukuze ube lingqina lale nkonzozo ezuke kangaka neya kuhlala ihleli ezimbalini zesi sizwe kwa nesethu. Le asimisebenzi ingenye, yileyo yeNkosi leya ndimana ukulumana indlebe nawe ngayo. Ndiya kucela ke unyana wakho lo aphakame xa le ndoda iza kuthetha naye. (<i>Uyaphakama uMaqoma ebuziziliza</i>) kungawe ke ngoku Kholoneli, thetha. |
| SOMERSET: | Enkosi mfundisi obekekileyo. Ndiyaqala namhlanje ukubonana nolu tshaba lwam. Ndibulela into yokuba siza kuhlala eluxolweni ngoku, kungekho namnye uya kuthi aphazamise omnye. (<i>Rhuthu incwadi esifubeni</i>). Ngegunya endalinikwayo yiRhuluneli yeli lizwe, emele ke ngoko oHloniphekileyo, uKumkani jikelele, loo ngangalala ingatshonelwa langa, ndiza kufunda le ncwadi. (<i>Uyayiqhaqha, kuthi kanye ngelo thuba agaleleke uFiliphu nehlokondiba lamakhoboka akhululweyo. Kothuka bonke abantu. Amabutho selindele nje Izwi kuMsimka amehlo akhe angasukiyo kuMaqoma. Kuyawilizela ngoku</i>) |
| MATSHAYA: | Inzwi! Inzwi mawethu! Asiyazi ke ngoku le iqhubekayo mfundisi. Asikhange sibe nancwadi isikhaphayo. |
| SOMERSET: | Ikho ke, nantsi: 'Ngegunya endikunika lona Kholoneli, yitsho kuMaqoma, unyana weNkosi ehloniphekileyo nentandane kumaBhrithane, uNgqika ukuba akhwelele kuloo mida ame kuyo, awele iTyhume eliya njengoko sasigqibile mhla mnene. Loo mihlaba ndiyabela amakhoboka akhululweyo naphantsi kolawulo lukaKeyile, inkosana yawo. Ugqirha uFiliphu mcele ukuba asebenze ngamandla kwabo bantu njengoko ibe yimigudu yakhe ukuba babe bakhululwe namhlanje.' Nantso ke Maqoma, uyivile. |
| MAQOMA: | Unotshe! Ngumhlaba kabawo lo. Niqhele amagwala, andisuki apha. Nibulala umkhwe wam nje kanti nikuloo nkalo? Kudala ndanibona ukuba nikhokelisa eli Lizwi mihla le kuba kaloku soloko nathung'amabhenya, Lingatsh' ibhayi, andibandi. (<i>Usondela kuSomerset kutsibe uMatshaya noKondile belamla</i>). Fulathelani ke ngoku ndingekazifunzi izinja zakowethu. |

- 13.8 Amveza njengomlinganiswa onjani uMaqoma amazwi akhe abhalwe ngqindilili. (2)
- 13.9 Kube nafuthe lini ukusetyenziswa kwencwadi eyayize noSomerset kwisiphumo sengxoxo saloo mini? (2)
- 13.10 Ngubani lo mkhwe kaMaqoma ubuleweyo? (1)
- 13.11 Usityhilela ntoni umbhali ngoFiliphu ngokuthi adlale indima ephambili ekukhululweni kwamakhoboka. (2)
- 13.12 Sizathu sini esingunobangela wokuba kungabikho mvisiswano kubalinganiswa abakwesi sicutshulwa? (2)
- 13.13 Zahluka njani iibono zikaNgqika kwezikaMaqoma malunga nezi ndwendwe? (2)
- 13.14 Chaza isimo sentlalo ngokwesi sicutshulwa. (2)

[25]

AMANQAKU ECANDELO C: 25
AMANQAKU EWONKE: 80